



ULihle noLwandle eKwindla

Sara Mohale

Busisiwe Ndlovu





ULihle noLwandle batyelele kwifama kaMakhulu
wabo evhembe.

Olu lutyelolo lwabo lokuqala.

Bavuka besiva isandi abangasiqhelanga
zingaphandle kwefestile!




Ezi ntombi ziyabulisa zithi, "Molo Makhulu.
Yingxolo yantoni le?"

UMakhulu uyahleka uthi, "Molweni! Ngumqhagi
lowo, uyasivusa ukuze senze imisebenzi
yasefama."



UMakhulu uthi, "Kusemnyama phandle, kodwa ixesha lihambile. EKwindla ilanga iphuma kade lize litshone msinyane kunaseHlotyeni."



UMakhulu uyaqhubeka esithi, “EKwindla kuyaqalisa ukubanda kodwa akubandi njengasebusika.”

ULwandle uyavuma esithi, “Asikazidangi izinxibo zethu zaseBusika.”



UMakhulu uthi, "EKwindla niza kubona izityalo
ezininzi zitshintsha umbala zize ziqalise ukoma.
Sesiza kugqiba ukuvuna."



“EKwindla kule fama sivuna iimbotyi,
ikhaphetshu, ikholiflawa nespinatshi,” uyacacisa
uMakhulu.

Uphinda athi, “EBusuku isidlo sethu
sangokuhlwa sizakuba nemifuno ekhiwe apha
kule fama.”



ULihle uthi, "Endaweni yokusoloko sithenga imifuno, nathi sifuna ukuyityala aapha efama, hayi edolophini."

"Licebo elihle elo! Ndiza kunifundisa," utsho ethembisa uMakhulu.



ULwandle ubuza esithi, "Makhulu, uyzityala iziqhamo? Esona ndisithandayo yivatala!"

UMakhulu uyahleka esithi, "Sigqiba kuvuna iivatala ezininzi ezinencasa!"



"EKwindla, izilwanyana ezizelwe okanye eziqanduselwe eNtwasahlobo sezikhulile, kwaye ezinye siyazithengisa.

Kwizilwanyana zethu sifumana ubisi, amaqanda nenyama," utsho ngebhongo uMakhulu.



UMakhulu uyancuma aze athi, "Siza kutya amaqanda ekuseni size sisebenze kwigadi yemifuno."

ULihle noLwandle bayakuvuyela ukusebenza egadini noMakhulu!

—Imibuzo

1. EKwindla, loluphi utshintsho olwenzekayo:
 - kwizityalo?
 - kumaqondo obushushu?
 - ekuphumeni nasekutshoneni kwelanga?
 - kwizilwanyana?
2. Kwenzeka ntoni kwifama kaMakhulu ngeli xesha lonyaka?
3. Kwindawo ohlala kuyo, ixesha laseKwindla liyafana okanye lahlukile kweli likweli bali? Cacisa.
4. Ungayilima njani imifuno kwikhaya elisedolphini?
5. Ucinga ukuba uMakhulu utya ukutya okunempilo?



Ulwazi Lwethu is a Zenex Foundation funded and initiated project to develop a series of graded and leisure African language readers and teacher support materials. This project is targeted at teaching and supporting learners in the Foundation Phase to improve their home language reading and understanding. The readers have been originated in nine African languages in collaboration with Molteno Institute for Language and Literacies, Nelson Mandela Institute for Education and Rural Development, Room to Read South Africa, and Saide. All resources are developed as Open Education Resources (OER).



basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

*The Ulwazi Lwethu readers and storybooks have
been quality assured and approved by DBE.*

Your attribution should include the following:

Title: ULihle noLwandle eKwindla

Author/s: Sara Mohale

Translator/s: Sinazo Mgobozzi, Bukeka Mahlangabeza

Illustrator/s: Busisiwe Ndlovu

Assurer/s: Angelinah Dazela

Language: isiXhosa



© Zenex Foundation - Saide 2025 (Updated Edition)

CC BY includes the following elements:

BY – Credit must be given to the creator

